URhulumente
weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**M Wiese**
ICandelo loLawulo loLwazi neNgcaciso
Marinda.Wiese@westerncape.gov.za | 021 467 2290

Inombolo yefayili.: 14/2/4/ECD Centres
Isalathiso: 20211213-8779

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loLwazi neNgcaciso: 0004/2022

Iya: kuBalawuli aBaziiNtloko, kuBalawuli, (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kuBaphathi beeSekethe, kuBaphathi be-ECD nakwiiNqununu zamaziko e-*ECD*

**Isihloko: ISaveyi yaQho ngoNyaka yeSebe iWCED ka-2022 yamaziko karhulumente namaziko azimeleyo e-Early Childhood Development (ECD))**

1. ISaveyi yaQho ngoNyaka iya kuzaliswa yaye isayinelwe yinqununu kwi-CEMIS ngowe-**01 Matshi 2022** (ULwesibini wokuQala kuMatshi). Ziya kucelwa iinqununu ukuba zikusayinele ukuchaneka kwedatha yabafundi nedatha yootitshala kwi-CEMIS. Umhla omisiweyo kubaphathi be-*ECD* wokusayinelwa kwedatha yeSaveyi yaQho ngoNyaka ngowe-**11 Matshi 2022.**

2. Phambi kokuba isayinelwe kwi-CEMIS iSaveyi, inqununu kufuneka iqinisekise oku kulandelayo:

    a) Bonke abafundi ababhalisiweyo nabahamba isikolo kwiziko le-*ECD* ngo-2022 bayavela kumabakala, kwiiklasi nakudidi lolwimi lokufunda nokufundisa (LoLT) oluchanekileyo kwi-*CEMIS* .
    b) Zitshekishiwe yaye zihlaziyiwe iilwimi zeenkobe zabafundi.
    *c)* Izalisiwe idatha yokubhaliswa kwabafundi abangenayo nabakhutshiweyo esikolweni *(Learner transfers (in and out))*.
    *d)* Abafundi abaswelekileyo bakhutshiwe kuluhlu lwababhalisiweyo yaye "umhla wokusweleka" urekhodwe njengoko ubhaliwe kwisatifikethi sokusweleka *(death certificate)*.
    e) Zihlaziyiwe yaye zangqinisiswa iilisti zootitshala/zeepraktishina ezikwi-CEMIS. Iminyaka yamava, amabakala nezifundo ezifundiswayo ngo-2022 nayo ihlaziyiwe. Makasuswe amabakala nezifundo ebezifundiswa kwiminyaka engaphambili ukuba azifanelekanga kumsebenzi katitshala wango-2022.

f) Mazingqinisiswe zonke izikrini ii-displays nee-capture screens kwakuny neengxelo ii-*error reports* phambi kokuba kufumaneke icandelo lokusayinelwa kwesaveyi.

g) Iinqununu maziqinisekise ukuba amanani abafundi afakiweyo achanekile, njengoko ukungafakwa ngokuchanekileyo kwedatha yamanani abafundi kunokuthathelwa ingqalelo njengesenzo sobuqhophololo.

3. Ukuncedisa ukungqinisisa kwedatha yabafundi nootitshala be-*ECD*, kukho iqela leengxelo zeemposiso *(error reports*) ezifumanekayo kwi-*CEMIS* eziya kukhokela iinqununu ngokuchaneka kwedatha ekhoyo efakiweyo.

4. Kunyanzelekile kusetyenziswe inombolo yesazi kazwelonke (*national identity (ID) number*) kubo bonke abafundi abakwiisistim zolawulo nokuphathwa kwezikolo ezikwikhompyutha (computerised school administration and management systems). Iyafumaneka ingxelo ye-*CEMIS* ukulungiselela ukuqaphela abafundi abangenazo iinombolo zesazisi *(ID numbers)* nokuququzelela ukufakwa kwikhompyutha kweenombolo ze-ID ezingekhoyo. Ukuba umfundi akanayo inombolo yesazisi esemthethweni, MAYINGAFAKWA inombolo yesazisi engekho mthethweni. Niyacelwa nibacebise abazali ngenkqubo yokwenza isicelo sesazisi kwiSebe lweMicimbi yezeKhaya *(Department of Home Affairs (DHA))*. Ziyacelwa iinqununu zibancedise abazali apho kufanelekileyo ngokuthi ziyiququzelele le nkqubo kwiSebe leMicimbi yezeKhaya.

5. Apho kuye kwakho naziphi na iingxaki ekuzalisweni kwale saveyi, niyacelwa niqhagamshelane nomphathi we-*ECD* ochaphazelekayo okanye nomphathi weprogram yenkxaso (*SPA*) odweliswe apha ngezantsi:

| Isithili | Igosa lesithili | Isikhundla | Inombolo yefoni | I-imeyili |
|---|---|---|---|---|
| *Cape Winelands* | Jaclynn Ambraal | SPA | 023 348 0656 | jaclynn.ambraal@westerncape.gov.za |
| | Ferrin Stellenboom | SPA | 023 348 0661 | ferrin.stellenboom@westerncape.gov.za |
| | Mishqua Kariem | Acting ECD Manager | 023 348 4634 | denise.wesso@westerncape.gov.za |
| *Eden Central/ Karoo* | Isabel Da Silva | SPA | 044 803 8314 | Isabel.DeSilva@westerncape.gov.za |
| | Lauren Ohlson | SPA | 044 803 8352 | Lauren.Ohlson2@westerncape.gov.za |
| | Lucretia Roux | ECD Manager | 044 803 8335 | lucretia.Roux@westerncape.gov.za |
| *Metro Central* | Saar-rah Sedan | SPA | 021 514 6946 | saar-rah.sedan@westerncape.gov.za |
| | Ethan Tobin | SPA | 021 514 6726 | ethan.tobin@westerncape.gov.za |
| | Hein Swarts | Acting ECD Manager | 021 514 7005 | hein.swart@westerncape.gov.za |
| *Metro East* | Donna Lee Arnolds | SPA | 021 900 7222 | donna-lee.arnold@westerncape.gov.za |
| | Jill Adriaanse | SPA | 021 900 7099 | jill.adriaanse@westerncape.gov.za |
| | Michelle Liedemann | ECD Manager | 021 900 7221 | michele.liedeman@westerncape.gov.za |
| Metro North | Carmen Davids | SPA | 021 833 5483 | carmen.davids@westerncape.gov.za |
| | Duran Walduck | SPA | 021 833 5483 | duran.walduck@westerncape.gov.za |
| | Vacant | ECD Manager | | |

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| Metro South | Moegamat Raees Adams | SPA | 021 370 4107 | moegamat.adams2@westerncape.gov.za |
| | Luciano Brummer | SPA | 021 370 2122 | oswald.robertson@westerncape.gov.za |
| | Vacant | ECD Manager | | |
| Overberg | Elicia Julies | SPA | 028 214 7384 | elicia.julies@westerncape.gov.za |
| | Thato Raphoto | SPA | 028 214 7360 | thato.raphoto@westerncape.gov.za |
| | Alweyah Stynder | Acting ECD Manager | 028 214 7384 | alweyah. stynder@westerncape.gov.za |
| West Coast | Roche Charney Gertz | SPA | 021 860 1269 | roche.gertze@westerncape.gov.za |
| | Taila Barends | SPA | 021 860 1268 | taila.barends@westerncape.gov.za |
| | Sally Meyer | ECD Manager | 021 860 1202 | sally.meyer@westerncape.gov.za |

6. Umgangatho wedatha ye-EMIS uya kuqhagamshelaniswa nemimiselo nemigangatho yokwenziwa kwentlawulo (norms and standards transfer payments). Ingxelo yenkqubo yokuthotyelwa kwedatha ye-EMIS iya kuthunyelwa nge-CEMIS kwiinqununu. Iinqununu kufuneka ziququzelele inkqubo ye-ASS ukuqinisekisa ukuba idatha ifakwe ngokuchanekileyo, igqitywe ngexesha elichanekileyo kwaye isayinelwe ngokunjalo.

7. ICandelo loLawulo loLwazi neNgcaciso liya kongamela ukuthotyelwa kwale nkqubo,umgangatho wedatha kunye nokusayinelwa kwesaveyi engenisiweyo kwaye kuya kuxelwa kwiNtloko yezeMfundo konke ukungathotyelwa, ukungangqinelani nokungapheleli kwedatha.

8. Ayakhunjuzwa amaziko *e-ECD* azimeleyo ukuba abe nolwazi ngemiqathango yobhaliso yawo. Makuqatshelwe ukuba ukuzilandela mbo iimfuno ezimiselweyo zedatha ze-Sebe iWCED kuyinxalenye yale miqathango yaye ukungathotyelwa kwayo kunokukhokelela ekukhutshweni ezincwadini zobhaliso kwabafundi.

9. ISebe i-WCED liyalithakazelela igalelo nokuzinikela kwawo onke amagosa ezemfundo yaye lijonge ngethemba kwintsebenziswano eya kuqhubeka okoko ngo-2022.

**ISAYINWE:** NGU-MS ABRAHAMS
**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOCWANGCISO LWEMFUNDO**
**UMHLA:** 2022-01-31